Ukuthanda uYehova uThixo Wakho

SABATHA EMVA KWEMINI

Fundela Isifundo Sale Veki: *Dut. 6:4, 5; Dut. 10:12; Efe. 2:1–10; IsiTyhi. 14:6, 7; Dut. 4:37; Dut. 11:1; Marko 12:28–30.*

Indima Yenkumbulo: **“ ‘Uze umthande uYehova uThixo wakho ngentliziyo yakho yonke, nangomphefumlo wakho wonke, nangamandla akho onke’ ”** *(Duteronomi 6:5)***.**

Kwinkolo yobuYuda, omnye wemithandazo engeyona ibalulekileyo uthatyathwe kwiDuteronomi 6. Waziwa ngokuba “YiShema,” ngenxa yegama lokuqala lesiHebhere lalomthandazo, elisuka kwingcambu, *ushama*’, elithetha “ukuphulaphula,” okanye nkqu “ukuthobela”-igama elibonakala rhoqo, hayi nje kwiDuteronomi kodwa kuyo yonke iTestamente eNdala.

Umgca wokuqala weShema ufundeka ngoluhlobo:

Shema Yisrael Adonai Elohenu Adonai echad.

Uthetha ukuthi: “ ‘Yiva, Sirayeli: uYehova uThixo wethu nguYehova mnye!’ ” *(Dut. 6:4)*. Amaxesha amaninzi xa amaYuda ewuthandaza, ogquma amehlo awo, injongo ikukuba angavumeli nto ezakuwaphazamisa ekucingeni ngoThixo. Lo mgca wokuqala weShema ubonwa njengesiqinisekiso semo yoThixo omnye u-*Adonai Elohenu*, uYehova uThixo wethu,” nentembeko kaSirayeli kuYe kuphela engekho omnye “uthixo.” Eneneni, isenokufundwa nangoluhlobo “uYehova nguThixo wethu.” Lo mgca wokuqala yinxalenye yentetho yokuqala uMoses awayiwisa kubantwana bakaSirayeli xa babezakungena kwiLizwe leDinga. Okulandela lo mgca wokuvula, noko kunjalo, kukubhengezwa okumandla kwenyaniso ekuhleli kubalulekile ngoku njengangoko.

**Funda isifundo sale veki ukulungiselela iSabatha, Oktobha 23.*

Ukuthanda uThixo

Emva kokuba uMoses ebalise kubantwana bakaSirayeli imbali yabo, waqalisa ukubanika imiyalelo wento amabayenze ukuhlutha ilizwe nokuphumelela kulo. Eneneni, ubani angaxoxa ngelithi isambuku sencwadi yeDuteronomi yayikukuba: uYehova wayexelela abantu into amabayenze ukugcina icala labo lomnqophiso, awawenza ngemfesane kunye nabo ekufezekiseni idinga laKhe kooyise UDuteronomi 6 uqala ngolu hlobo: " 'Nguwo lo umthetho, imimiselo ke kwanamasiko, awaniwiselayo uYehova uThixo wenu, ukuba niwufundiswe, niwenze ezweni elo niwelela kulo ukuba nilime; ukuze umoyike uYehova uThixo wakho, uyigcine yonke imimiselo yakhe nemithetho yakhe endikuwiselayo, wena nonyana wakho, nonyana wonyana wakho, yonke imihla yobomi bakho, ukuze yolulwe imihla yakho' " *(Dut. 6:1, 2)*.

Funda: kuDuteronomi 6:4, 5. Mthetho mni uYehova uThixo awunika abantwana bakaSirayeli kwindima 5? Uthetha ukuthini?

_____

_____

Uze umthande uYehova uThixo wakho ngentliziyo yakho yonke...? Indlela ekunika umdla ngayo ukuba apha, phakathi komthetho, phakathi kwezilumkiso, imiyalelo, nezibonelelo, abantu babizelwa ekuthandeni uThixo. Kwaye hayi nje ukumthanda kodwa ukwenza oko " 'ngentliziyo yakho yonke, nangomphefumlo wakho wonke, nangamandla akho onke,' " nto leyo ekhomba kwimo epheleleyo yoluthando.

Ukuthanda uThixo ngentliziyo iphela, nangomphefumlo nangamandla kuthetha ukuthi uThando lwethu ngakuYe malube ngaphezu kokuthanda kwethu noba yintoni na nabani na ongomnye, kuba usisiseko nomgangatho wokuphila kwethu nobukho bethu nayo yonke into. Uthando ngakuYe kufuneka lulungelelanise uthando lwethu ngakuyo yonke into engenye.

KwisiHebhere, igama, "*wakho*" kuThixo *wakho*, intliziyo *yakho*, amandla *akho*, likwisinye. Ewe, uThixo wayethetha nabantu xa bebonke, kodwa ke isambuku siqine kangangokuqina kwamaqhekeza. INkosi ifuna umntu ngamnye kuthi, nangona eyinxalenye yesiqu esikhulu, ukuba athembeke kuYe eyedwa, kwaye isiseko sokokuthembeka kufuneka ibe luthando lwethu ngakuYe, somntu anguYe, nento asenzele yona.

Kuthetha ukuthini kuwe ukuthanda uThixo ngentliziyo yakho iphela nangomphefumlo nangamandla?

Ukoyika uThixo

UMoses waxelela abantwana bakaSirayeli ukuba bathande uThixo ngento yonke abanayo. Oko yayingumyalelo. Noko kunjalo, kwiindima ezimbalwa ngaphambili uMoses wabanika omnye umyalelo: " 'ukuze umoyike uYehova uThixo wakho' " *(Deut. 6:2)*.

Funda: kwiDuteronomi 10:12. Ithini kule ndima ngothando nokoyika, yaye siyiqonda njani?

_____

_____

Kwenye indima baxelelwa ukuba boyike uThixo, kwenye ukuba bamthande, yaye kule indima baxelelwa ngokufanayo ukuba bamoyike bamthande ngaxesha-nye. Ngokwendlela eqhelekileyo eliqondwa ngayo igama "ukoyika" oku kusenokungathi kuyakhabana, kodwa akunjalo. Endaweni yoko, ukoyika uThixo-kwimo yokukhamnqa nokuhlonipha umntu anguYe, igunya laKhe namandla nobulungisa nokulunga, ngokukodwa ngokukhabanayo nokuba nesono kwethu, ubuthathaka, nokuxhomekeka ngokupheleleyo kuYe-kufuneka kube yinto ezenzekelayo. Sizizidalwa eziwileyo, izidalwa eziwophuleyo umthetho kaThixo, ezifanelwe ngumgwebo nokufa okungunaphakade, kodwa ngenxa yobabalo lwaKhe.

Funda: kuma-Efese 2:1–10. Ezi ndima zingasinceda njani ekuqondeni indlela esinokuthi soyike sithande uThixo ngaxa linye?

_____

_____

Nangona "sasingabantwana bengqumbo" (nto leyo engunobangela wokuba simoyike), uKristu wasifela waza ngalo ndlela wasinika ubomi obutsha kuYe, obuquka inkululeko kwisono nokugwetywa okudlulileyo (nto leyo engunobangela wokuba simthande).

Kwaye njengoko oku kuyinene kuthi namhlanje, lo mmiselo wawukwasingisele nakuSirayeli wamandulo: babengamakhoboka eYiputa, begwetyiwe kubukhoboka nengcinezelo, kwaye yayiluthando lukaThixo nemfesane ngakubo ezakhokelela kwinkululo yabo emandla. " 'ukhumbule ukuba ube ulikhoboka ezweni laseYiputa, wakukhupha khona uYehova uThixo wakho' " *(Dut. 5:15)*. Yiyo lo nto, ngoko, bemthanda bemoyika uThixo ngaxesha nye. Yaye ukuba kwakufuneka benze oko, kubekiselephi kuthi thina, banenyaniso enkulu yokufa kukaYesu emnqamlezweni?

Funda kwiSityhilelo 14:6, 7. Masisiqonde njani isizathu sokuba umyalelo "wokoyika uThixo" ube ngumyalelo wokuqala wesigidimi seNkosi somhla wokugqibela ehlabathini? Ngenxa yoko sikwaziyo malunga nento elizelayo ihlabathi, kutheni le nto esi sigidimi siqondakala kakuhle nje?

Yena Wasithanda Kuqala

Nkqu naphakathi kwemimiselo nemiqathango ekwiDuteronomi nezikhuthazo ezazilumkisa uhlanga lwamaYuda ukuba luthobele "imithetho yaKhe, imimiselo yaKhe, namasiko aKhe," kwakufuneka kuqala bathande uThixo ngentliziyo yabo yonke, ngomphemfumlo, nangamandla. Eneneni, babenezizathu ezihle zokwenza kanye oko.

Funda: kwiDuteronomi 4:37; Duteronomi 7:7, 8, 13; Duteronomi 10:15; Duteronomi 23:5; noDuteronomi 33:3. Ezi ndima zifundisa ntoni ngothando lukaThixo kubantu baKhe?

_____

_____

Rhoqo kwiDuteronomi, uMoses wabaxelela abantu ngothando lukaThixo kooyise nakubo. Kodwa ngokungaphezulu kunamazwi kuphela, uYehova walutyhila olu thando ngezenzo zaKhe. Oko kukuthi, nkqu naphakathi kweziphoso zabo, amagqwidigqwidi abo, izono zabo, uthando lukaThixo ngakubo zange lugungqe-uthando olwadandalaziswa ngokumandla kwimpatho yaKhe ngakubo.

"Thina siyamthanda, ngokuba yena wasithada kuqala" *(1 Yohane 4:19)***. Le ndima isinceda njani ekuqondeni isizathu sokuba simthande uThixo?**

_____

_____

Uthando lukaThixo ngakuthi lwabakho ngaphambi kobukho bethu, ngenxa yokuba icebo losindiso laqhushekwa kwantlandlolo ngaphambi "kokusekwa kwehlabathi" *(Efe. 1:4)*.

Njengoko u-Ellen G. White watshoyo: "Icebo lokukhululwa kwethu lalingesosivela-mva sengcinga, icebo elaqulunqwa emva kokuwa kuka-Adam. Yayikukutyhilwa 'kwemfihlelo ibifihliwe kwasephakadeni.' Rom. 16:25. Yayikukutyhilwa kwemimiselo eyayisisiseko setrone kaThixo kususela kwasemaphakadeni."—*The Desire of Ages,* p. 22.

Indlela esinethamsanqa ngayo sisonke eyokuba uThixo, ngokwenene, uThixo wothando, uthando olukhulu kangangokuba aye emnqamlezweni ngenxa yethu, uthando oluzincamayo nalapho wathi "wazithoba, waba ngolulamileyo, wada wesa ekufeni, ukufa ke kwasemnqamlezweni" *(Fil. 2:8)*. Ngoko ke, namhlanje thina sinentyilelo yothando lukaThixo ngakuthi, mhlawumbi abangazanga bacinga nokucinga ngayo abantwana bakaSirayeli.

Endaweni yokuba luthando, ngekunjani ukuba uThixo ebeyintiyo okanye uThixo ebengakhathali? Eli hlabathi beliyakuba luhlobo olunjani? Kutheni le nto intyilelo yothando lukaThixo ngakuthi iyinto ekufuneka, ngokwenene, sigcobe ngayo?

Ukuba Niyandithanda, Yigcineni Imithetho Yam

USirayeli-uhlanga luphela-lwabizelwa ekuthandeni uThixo. Kodwa oku kwakuyinto eyayinokwenzeka kuphela kumntu ngamnye. Njengomntu oyedwa onikwe intando ekhululekileyo, umSirayeli ngamnye kwakufuneka akhethe ukuthanda uThixo-kwaye kwakufuneka babonakalise olothando ngentobelo.

Yintoni ezifana ngayo ezi ndima? Oko kukuthi, yintoni umxholo ofanayo kuzo?

Dut. 5:10 _____

Dut. 7:9 _____

Dut. 10:12 _____

Dut. 11:1 _____

Dut. 19:9 _____

Linokucaca ngakumbi njani iLizwi likaThixo? Kwanjengokuba uThixo engatsho nje kuphela ukuba uyasithanda koko ulutyhilile olothando kuthi ngoko akwenzileyo nasakwenzayo, abantu bakaThixo, nabo, kufuneka babonakalise ukumthanda kwabo uThixo ngezenzo zabo. Kwaye siyabona kwezi ndima ukuba ukuthanda uThixo kuqhagamshelwe ngokungenakwahlulwa kwintobelo kuYe. Yiyo le nto, xa uYohane ethetha izinto ezifana nezi, "Kuba ukumthanda uThixo kuko ukuthi, siyigcine imithetho yakhe" *(1 Yohane 5:3)*, okanye xa uYesu esithi, " 'Ukuba niyandithanda, yigcineni imithetho yam' " *(Yohane 14:15)*, ezi ndima zidandalazisa ngokuphandle le mfundiso ingumongo. Uthando ngakuThixo kufuneka lusoloko lubonakaliswa ngokuthobela uThixo. Kusoloko kunjalo, yaye kuyakusoloko kunjalo. Kwaye le ntobelo ngakuThixo ithetha intobelo kumthetho waKhe, iMithetho eliShumi, equka kanjalo nomthetho wesine, iSabatha. Ukugcina umthetho wesine asibobungqongqo kumthetho ngokufanayo nokugcina nawuphi kule ilithoba.

Nangona intobelo kuwo nawuphi kwimithetho inokuba bubungqongqo, olo hlobo lwentobelo alwenziwa ngokwenene ngenxa yokuthanda uThixo. Xa simthanda uThixo ngokwenene, ngokukodwa ngenxa yoko asenzele kona ngoKristu uYesu, sinqwenela ukumthobela, kuba yinto leyo athi masiyenze.

Xa uMoses wayewaxelela rhoqo amaSirayeli ukuba athande athobele uThixo, wakwenza oko *emva* kokuba bekhululwe eYiputa. Oko kukuthi, uthando nentobelo yabo yayikukusabela kwinkululo abanike yona uThixo. Babekhululwe nguYehova. Ngoku kufuneka basabela ngokuthobela ngokuthembakeleyo imithetho yaKhe. Kwahlukile oko namhlanje?

Athini amava akho ekuzameni ukuthobela uThixo? Oko kukuthi, ziyintoni iinjongo zakho ekuthobeleni uThixo? Kutheni oko kufuneka kwenziwe ngokuthanda Yena? Ndima ni, kanjalo, ukuba ikhona, ekufuneka uloyiko, luyidlale, ngendlela oluqondwa ngayo oluyiko ngokweBhayibhile?

Umthetho Wokuqala

Nokuba kungakananani na athi amanye amaKristu, ngenxa yezizathu ezohlukeneyo, azame ukwahlula iTestamente eNdala kweNtsha, oko akunakwenziwa, ubuncinane ingakhange ihluthwe intsingiselo yayo yokwenene yeTestamente eNtsha.ITestamente eNtsha, kwintyilelo yayo ngoYesu, neengcaciso zayo eziyimfundiso ngobomi baKhe, ukufa, ukuvuka, kunye nolungiselelo lwaKhe lobuBingeleli, yalatha ekuzalisekeni kweziprofetho ezinzi kunye nemifuziselo yeTestamente eNdala. Ngeendlela ezininzi, iTestamente eNdala yakha imvelaphi, umxholo, isiseko seNtsha. Zombini ezi testament zityhila ukulunga nothando lukaThixo.

Esi kuphela kwesizathu sokuba, ngokuthe rhoqo, iTestamente eNtsha, kuquka noYesu, icaphula kweNdala.

Funda: kuMarko 12:28–30. Mbuzo mni owawubuzwa "ngowona mthetho ungaphambili kuyo yonke"? Uphendula ntoni uYesu yaye uyifumana phi impendulo yaKhe?

_____

_____

Kunika umdla ukuba umbhali, umntu ochithele ixesha lakhe ekuqondeni umthetho nendlela omawugcinwe ngayo, angabuza lo mbuzo. Noko kunjalo, nokuba mininzi kangakanani na imithetho ababekholelwa ukuba kufuneka beyithobele (isithethe samva samaYuda sithe yayingama-613 imithetho) ukumangalisi ukuba bafune ukuba yonke ishwankathelwe kummbuzo omye.

Kwaye wenza ntoni uYesu?

Uya ngqo kwiDuteronomi 6, aqale ngokuthi " 'Yiva, Sirayeli: uYehova uThixo wethu nguYehova mnye!' " *(Dut. 6:4)*, aze acaphule indima elandelayo kanjalo, ngokuthanda uThixo ngentliziyo yakho iphela, umphefumlo, namandla. Wakhomba kwisiqinisekiso esingundoqo sikaYehova njengoThixo wabo, uThixo wabo ekuphela kwake, kwaye ngenxa yaloo nyaniso inkulu, babizelwa ekumthandeni ngokutshatsheleyo.

Yintoni enokuba "yinyaniso yangoku" ingenguwo lo myalelo? Kanye kwimihla yokugqibela, xa iziboniso zokugqibela zityhilwa naye wonke umntu ebizelwa ukukhetha icala elinye okanya elingelinye ngendlela evus'umxhelo kakhulu, imithetho kaThixo *(IsiTyhi. 14:12)* iyakudla indima engundoqo.

Ekugqibeleni, icala esilikhethayo, nkqu naxa sijamelene nentshutshiso, lakube lixhomekeke ekuthini simthanda ngokwenene na uThixo okanye hayi. Lowo ngumbandela owahlulayo, kwaye singafikelela ekumthandeni uThixo ngentliziyo yethu iphela nomphefumlo namandla kuphela xa sifikelela ekumazini thina ngokunokwethu yaye singcamle ngokunokwethu ukulunga kwaKhe, uthando, nobabalo. Ukuba imfuneko ikhona, leyo yinto ongayifela.

Ukuba umntu ebenokubuza: abantu bafikelela njani ekuthandeni uThixo abangazanga bambona buqu, ubungathini? Eklasini, thetha ngempendulo yakho.

Ingcamango Eyongeziweyo: “Umnqamlezo kaKrestu uyakuba bubunzulu-lwazi nengoma yabakhululwa kuwo onke amaphakade. KuKristu ozukisiweyo bayakubona uKristu obethelelwe emnqamlezweni. Ayisoze ilityalwe eyokuba lowo umandla aKhe adala abamba amazwe angenakubalwa kwintlaninge yeendawo kwihlabathi elijikelezayo, iNtandane kaThixo, iNgangamsha yezulu, Lowo ikherubhi neserafi ezibengezelayo zivuyiswa kukumnqula-wazithoba ukuze aphakamise umtnu owileyo; ukuba wabuthwala ubutyala nehlazo lesono, nokufihlwa kubuso bukaYise, de iinkxwaleko zehlabathi elilahlekileyo zophula intliziyo yaKhe zatyumza ubomi baKhe kumnqamlezo waseKalvari. Ukuba uMenzi wamazwe onke, uMlamli wazo zonke iinjongo, athi xibilili ubuqaqawuli baKhe aze azithobe ngenxa yokuthanda umntu, oko kuyakusoloko kuxhokonxa umnqa nokunqulwa lelimiweyo. Xa iintlanga zabasindisiweyo ziyakukhangela kuMkhululi wazo zize zibone ubuqaqawuli obungunaphakade bukaYise bubengezela ebusweni baKhe; xa zibona itrone yaKhe, esuka emaphakadeni iye emaphakadeni, yaye zisazi ukuba ubukumkani baKhe abuzokuba nasiphelo, zizakudanduluka yimihlali yengoma: “Ifanele, ifanele iMvana eyaxhelwayo, yasikhululula saba ngabakaThixo ngelilelakhe igazi elinexabiso!’ ”—Ellen G. White, *The Great Controversy*, pp. 651, 652.

Imibuzo Yokuxoxwa:

1. **Funda isicatshulwa sika-Ellen G. White esingentla. Yintoni esiyithethayo, le kufuneka isincede siqonde ukuba kutheni uthando lwethu ngakuThixo kufuneka ilolona thando lutshatsheleyo sinalo? Cinga ngokuba kuthetha ukuthini ukuba uThixo, lo “ubambe amazwe angenakubalwa kwintlaninge yezikumkani ezisesiqakaqeleni” ngulo waya emnqamlezweni ngenxa yethu. Kutheni le nto le nyaniso kufuneka ibe kwisiseko sobudlelane bethu noThixo?**
2. **Gxila ngakumbi kwingcamango yokuthanda nokoyika uThixo ngaxesha nye. Sizenza njani zombini, yaye kutheni kufuneka sizenze zombini?**
3. **Yenye into ukuthanda uThixo xa izinto zihamba kakuhle ebomini bethu. Kuba njani xa izinto zingahambi kakuhle, xa kusehla intlekele? Kutheni le nto, ngamaxesha anjalo, ukuthanda uThixo kubaluleke ngakumbi kunaxa izinto zihamba kakuhle?**
4. **Buyela kumbuzo wokugqibela kwisifundo sangoLwesine. Zeziphi iinkalo ezohlukeneyo onokuzivelela ukucacisela umntu ongakholwayo ngento ekuyiyo ukuthanda uThixo? Singakwazi njani thina bantu ukuthanda umntu esingazanga sambona? Kutheni le nto ingabalulekanga eyokuba singazanga sambona, njengesiqu?**